UMTETELI WA BANTU
(JOHANNESBURG)
JUNE 28th, 1924.

# Ukutula ! Ikwakukuvuma ! !

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

Taru ! Mhleli ngesituba sezi Mbongi
Ndisahleli ndingumfana andi mbongi
Ndingampati tunga lesinxibămx'aka
Into elwa ngezulu induku zihleli.

Taru ! Mhleli ngesituba sezi Mbongi
Ndiko noko ndisahleli andi Mbongi
Kodwa noko amazwi makagqalwe
Ukutula ! Ikwakuvuma ! !

Taru ! Mhleli ngesituba sezi Mbongi
Asinakutula umhlab' ubolile
Xa ndikubonisa ubume bomhlaba
Angabhekabheka onk' amagqoboka.

Ukutula ! Ikwakukuvuma
Xa ungatandi ukuhlala ujanyelwa
Ungapendula kwabezinye imvaba
Akulunganga ukukonza unomkanya.

Lemiteto idlula eka Moses
Lihasa kuwe eliza ngokutula
Litupa lengwe lanyatel' esangweni
Kuba ngokutula ! Bati uyavuma !

M'sukufukama pezu kwenyaniso
Uti utula ubukankany' u Krestu
Yena Mfo wateta lalinye wagqiba
Kanti utembele ku Mkosi we Zulu.

Ukutula ! Ikwakukuvuma !
Okwabonwa ngu Elijah entlango
Owati akubuzwa watinteleka
Waxela umlambo onesiziba.

Tet' ungoyiki Afrika kusakiwe
Abhubhe siduli obhubha siduli
Babekungxenga kuba usisaqaka
Ndlovu edla, ibiyelwa ngocingo.

Taru ! Afrika Nkomo zetola letu
Apo zikona inkomo zama soka
Olala ngemva ingwenya ngapambili
Kwakonakala ukutshona kwelanga.

Lemiteto idlula eka Moses
Isenze kanye saba sebudengeni
Sesifuna negusha ngokuba mdaka
Nabasaziyo basahlula ngopawu.

Gqaba ! Ungatuli Mdaka we Afrika
Boguqa bakedame nabalwa nawe
Lovangeli yabo yokusikohlisa
Mina ingangam ndigaqe ngedolo.

Lingasiposa ne Zulu siyimamela
Kub' inomkonto obuye usihlabe
Iyahanahanisa kumntu Ontsundu
Iwugqwetile ke lomhlaba ka Palo.

Kauve !